


PARLIAMENT
OF THE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# VAKALISA ULUVO LWAKHO

## UMthetho oYilwayo woKwabiwa I [B4 – 2026]

### Ukungeniswa kweziPhakamiso noVakalisozimvo

IKomiti esiSigxina yoKwabiwa (IBhunga leSizwe lamaPhondo) imema abachaphazelekayo nemibutho enomdla ukuba ingenise iziphakamiso ezibhaliweyo/okanye ezenziwe ngomlomo malunga *noMthetho oYilwayo woKwabiwa [B4 – 2026].* UMthetho oYilwayo uthiwe thaca kunye noHlahlolwabiwo mali nguMphathiswa wezeMali ngomhla wama25 kweyoMdumba 2026. INkqubosiHlomelo yeMithetho yeMali noMthethosiHlomelo eNxulumene nawo, onguNombl 13 wama2018, ufuna ukuba iPalamente ibambe iindibano zovakalisozimvo ize yenze ingxelo malunga nayo yonke iMithetho eYilwayo.

UMthetho oYilwayo ufuna ukwahlula imali esuka kwiNgxowa-mali yeNgeniso yeSizwe kwiimfuno zoMbuso zonyaka-mali ka2026/27; ukumisela iimeko zokusetyenziswa kwemali ethathwe kunyaka-mali ka2027/28 phambi kokuba kuqaliswe uMthetho woKwahlulwa ka2027/28; kunye nokubonelela ngemiba ehambelana noko.

Umhla wokuvala wokwenza iziphakamiso ezibhaliweyo okanye ubonise injongo yakho yokwenza intetho ngomlomo yintsimbi ye-16:00 ngoMvulo we-08 kweyeSilimela 2026. Iindibano zovakaliso-zimvo ngoMthetho oYilwayo ziya kuqhutywa ngobuxhakaxhaka yiKomiti eKhethekileyo yoKwahlula ngoLwesithathu, we-10 kweyeSilimela 2026 ngo-09:00.

Iziphakamiso kufuneka zithunyelwe kooNobhala beKomiti, Mnu Lubabalo Nodada: 083 412 1526, Lnodada@parliament.gov.za okanye Nkszn Estelle Grunewald: 071 363 2257, egrunewald@parliament.gov.za. Iikopi zoMthetho oYilwayo ziyafumaneka ku:www.treasury.gov.za okanye www.parliament.gov.za

Ikhutshwe ngo: Hloniphekileyo T I Legwase, iLungu lePalamente, uSihlalo: IKomiti eKhethekileyo yoKwahlulwa (iBhunga leSizwe lamaPhondo).

ISIXHOSA